NATIONAL SENIOR CERTIFICATE EXAMINATION
NOVEMBER 2019

# ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO: IPHEPHA II
# ISIXHOSA FIRST ADDITIONAL LANGUAGE: PAPER II

Ixesha: 2½ iiyure | Amanqaku: 100

---

## IMIYALELO

1. Eli phepha linamaphepha ali-11.

2. Eli phepha linamacandelo amabini (u-A no-B).

   - Icandelo A: Inoveli.
   - Icandelo B: Imihlathana emide nemihlathana emifutshane.

3. Kwicandelo B – Bhala umhlathana omde omnye; nomhlathana omnye omfutshane.

4. Imibuzo mayiphendulwe ngesiXhosa.

5. Umthamo wempendulo yakho mawukhokelwe ngamanqaku owanikiweyo.

6. Bhala isivakalisi esipheleleyo xa umbuzo ufuna oko.

7. Abaviwa baya kohlwayelwa ukungasebenzisi kakuhle ulwimi.

---

IEB Copyright © 2019

## ICANDELO A INOVELI

### UMBUZO 1

1.1 Funda isicatshulwa ze uphendule imibuzo elandelayo.

> **"BAFUNYENWE BEFILE KWIMOTO EBUBUTYOBO"**
>
> "Esi sihelegu sehle kubantu ababonwe bekunye eRio, beyinxalenye yabantu abaninzi kuloo holo, itsalwe yindumasi yomboniso webhayaskophu onembalasane – uNongqawuse."
> "Kuyacaca ukuba baphulukene nobomi babo beyindlela egodukayo." Kanti ke esi siganeko sandulelwe kwangephezolo elo zizigigaba eziqale kwigumbi likaLinda Monti, esona sithandwa saziwayo sikaEddie.

1.1.1 Le ngxelo ivela phi? Khetha impendulo echanekileyo kwezi zingezantsi:

A Kunomathotholo.

B Kumabonakude.

C Kwiphephandaba. (1)

1.1.2 Nika amagama abantu abahlelwe sesi sihelegu. (2)

1.1.3 Nika igama lomboniso bhanya-bhanya ababeye kuwubukela. (1)

1.1.4 Amapolisa athi yintoni unobangela wale ingozi? (1)

1.1.5 Zeziphi izigigaba eziqale kwigumbi likaLinda? Nika zibe**MBINI**. (2)

1.1.6 Gqibezela ezi zivakalisi. Khetha impendulo echanekileyo kula magama angezantsi:


| | | |
|---|---|---|
| Amajiko-jiko | betheka/ngqubeka | pali yogesi |

(a) Imoto ibikhwelwe nguEddie noLulama ingene yacudiseka kwi __________________.

(b) Umkhondo oshiywe ngamavili ubonakalisa ukuba imoto leyo yenze ___________________________ukuyilahla kwayo indlela phambi kokuba iyoku ___________________________ kweso sibonda. (3)

IEB Copyright © 2019

1.2 Jonga lo mfanekiso uvela kuqweqwe lwencwadi **"Umqol'uphandle"** uze wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.




1.2.1 Ucinga ukuba ngubani lo umbona kulo mfanekiso? (1)

1.2.2 Kuphi kule ndawo akuyo lo mntu? (1)

1.2.3 Injani inkangeleko yobuso bakhe? Khetha impendulo echanekileyo kwezi zingezantsi:

A Iyavuya

B Ikhathazekile

C Idanile (1)

1.2.4 Wena mfundi, uziva njani xa ujonge lo mntu kulo mfanekiso? Xhasa impendulo yakho. (2)

1.2.5 Ungamcebisa njani lo mntu kule meko akuyo? Ngokuba kutheni? (2)
**[17]**

IEB Copyright © 2019

**UMBUZO 2 ABALINGANISWA**

2.1 Matanisa intetho ekukholam B nomlinganiswa okukholam A.

**Umzekelo: 2.1.9 (i)**

| **Kholam A** | **Kholam B** |
|---|---|
| 2.1.1 ULiziwe | (a) "Bendikhupha amatayala amadala, ndifaka amatsha". |
| 2.1.2 USajini Ngqondi | (b) "Ngubani onayo le bhatyi apha eMonti? Ndiyayithanda". |
| 2.1.3 ULinda | (c) "UEddie wayeza kutshata mna". |
| 2.1.4 UMnu Khumalo | (d) "Uyazi Dick, lo nomathotholo undikhumbuza i "tape recorder" endayiboleka uEddie." |
| 2.1.5 UThemba Mdoda | (e) "Ngubani ongamaziyo uLinda kweli Monti"? |
| 2.1.6 UHlobo | (f) "Kudala kangakanani ungumcuphi"? |
| 2.1.7 UDuma Hlelo | (g) "Dick, nguwe umntu onokumelana nesimanga somntu ofike apha kule ofisi". |
| 2.1.8 UJoe Bumba | (h) "Ndingumongameli omtsha waseMoonglow. Ndingene esikhundleni sikaEddie Maga". |

(8)

2.2 **Iziganeko**

Chaza ukuba kwenzeka ntoni kuHlobo ngobusuku atyelele/ahambele *iMoonglow Night Club*.

Bhala iingongoma zibe ntlanu. (5)

**[13]**

IEB Copyright © 2019

## IDAYALOGU/INCOKO

Khetha ubhale nge**NYE** kwezi zilandelayo. Ubude bencoko yakho bungaba ngamagama ali 120 kodwa ungagqithi kumagama angama-150. Kwincoko yakho mayibonakale **intshayelelo**, **isiqu nesiphelo**.

## UMBUZO 3

**Incoko phakathi kukaHlobo nomnye wabathengisi baseFemina House.**

Chaphazela ezi ngongoma:

- Isizathu sokuba uHlobo abelapha kule venkile.
- UHlobo makabonise umdla kudidi oluthile lwebhatyi.
- Umthengisi makabonise ukuxabiseka kwezi bhatyi.
- UHlobo makabuze umthengisi ngabantu abasele beyithengile le bhatyi apha eMonti.
- Umthengisi makanike uHlobo inkcazelo ngabantu abasele beyithengile ibhatyi.

[Isakhiwo sedayalogu/incoko naso sithathelwe ingqalelo.]

**[10]**

**OKANYE**

## UMBUZO 4

**Incoko phakathi kukaHlobo noDuma Hlelo kwisikhululo samapolisa.**

Chaphazela ezi ngongoma:

- UDuma makachaze ukuba ufuna ntoni emapoliseni.
- UHlobo makacacisele uDuma ukuba kutheni bemgcine kwisikhululo samapolisa uLinda.
- UHlobo makambuze ngoEddie Maga nokuba badityaniswa yintoni noLinda.
- UDuma Hlelo makabuze uHlobo ngengxabano yakhe nosisi wakhe uLinda.
- UDuma makacele ukubona usisi wakhe.

[Isakhiwo sedayalogu/incoko naso sithathelwe ingqalelo.]

**[10]**

IEB Copyright © 2019

Khetha ubhale nge**NYE** kwezi zilandelayo. Bhala inombolo yombuzo owukhethileyo.

**UMBUZO 5**

| |
|---|
| ULinda utyholwa ngokubulala uEddie noLulama. **Mthethelele**, ubonise ukuba umsulwa/akanatyala. |

**Chaphazela ezi ngongoma zilandelayo:**

- Sixelele ngothando lukaEddie noLinda. (3)
- Chaza isizathu sokuba uLinda angahambi noEddie aye e-*Rio cinema.* (2)
- Ileta ebhalwe nguLinda ebhalela uEddie. (3)
- Ingxabano yefoni phakathi kukaEddie noLinda. (4)
- Indawo awaya kuyo uLinda ngobusuku bokufa kukaEddie, wenza ntoni apho? (3)
- Ukufika kukaLinda endlwini yakhe, nezinto awafika wazenza. (3)
- Ukulahleka kompu kaLinda. (2)

**[20]**

**OKANYE**

**UMBUZO 6**

| |
|---|
| Khawuchaze ngobomi bukaEddie nangezinto azenzileyo esaphila. |

**Chaphazela:**

- Ukhuliswa ngubani? (1)
- Baphi abazali bakhe? (1)
- Ufunde phi? Chaza iindawo zibe MBINI afunde kuzo. (2)
- Indawo asebenze kuyo. (1)
  - Usebenza noobani? (2)
  - Bebesenza ntoni?/Ngowuphi umsebenzi ebewenza? (1)
- Ingxabano phakathi kukaEddie nabantu ebesebenza nabo. (4)
- Ufe/usweleke njani? Ngoobani abambulalayo? (6)
- Umbona njani/engumntu onjani uEddie? (2)

**[20]**

**60 amanqaku**


IEB Copyright © 2019

## ICANDELO B

## IMIHLATHANA EMIDE

- Phendula umhlathana ube **MNYE** kule mihlathana ilandelayo.
- Impendulo yakho mayibe phakathi kwamagama angama 150–200.
- Bhala phantsi inombolo yombuzo nesihloko somsebenzi owukhethileyo.

**UMBUZO 7 Ileta yoburhulumente**




*[Umfanekiso uthatyathwe kwi-intanethi]*

Unyulo lusondele. **Bhalela** umongameli omtsha oza kuphatha uMzantsi Afrika umcele ukuba abuyise isidima selizwe lakho uMzantsi Afrika. Chaphazela ezi ngongoma:

- Imfundo.
- Urhwaphilizo/Ukuba imali karhulumente.
- Ubundlobongela.

**[30]**

**OKANYE**

IEB Copyright © 2019

**UMBUZO 8 Ileta yobuhlobo**



*[Umfanekiso uthatyathwe kwi-intanethi]*

Umhlobo wakho uyathanda ukunceda abanye abantu alibale ngaye. **Mbhalele** ileta umcebise ukuba kubalulekile, kuhle ukunceda abantu kodwa kufuneka ancede yena kuqala. Chaphazela ezi ngongoma:

- Mxelele ukuba kuhle ukunceda omnye umntu.
- Makakhumbule ukuba kuya kusoloko inguye phambili.
- Mxelele nangoxinizelelo lwengqondo/isitresi ebantwini abatsha.
- Makathi "hayi" xa engakwazi ukunceda.

**[30]**

**OKANYE**

IEB Copyright © 2019

## UMBUZO 9 Ileta yobuhlobo

Ixesha lifikile lokuba uyeke ukuba lilungu lombutho olawula abafundi (SRC). **Bhala** ileta ukhuthaze abafundi abatsha abaza kwenza lo msebenzi. Kwileta yakho chaphazela ezi ngongoma:

- Babulele ngethuba abakunike lona.
- Khuthaza abo baza kwenza lo msebenzi.
- Bacebise ngentsebenziswano, ukuhloniphana nokuthembana.
- Banqwenelele impumelelo.

**[30]**

**OKANYE**

## UMBUZO 10 Ileta yoburhulumente

**Bhalela** umbhali wencwadi oyithandayo ileta. **Mxelele** indlela ozive ngayo xa ubufunda incwadi yakhe.



*[Umfanekiso uthatyathwe kwi-intanethi]*

**[30]**

## IMIHLATHANA EMIFUTSHANE

Khetha ubhale umhlathana ube MNYE kule ilandelayo.
Umhlathana wakho kufuneka ube ngamagama ali-120–150 ubude.

**UMBUZO 11 Iresipi**



*[Umfanekiso uthatyathwe kwi-intanethi]*

**Yenza** iresipi yesidlo osithandayo.
Landela ezi ngongoma:

- Igama lesidlo.
- Izithako.
- Indlela yokusenza.
- Sithandwa loluphi uhlanga? Sityiwa nini/xa kukho ntoni?

**[10]**

**OKANYE**

**UMBUZO 12 Iposta**

**Yenza/Yila** iposta uthengise enye yeencwadi obuyifunda kwibanga 12. Sichazele:

- Igama lencwadi.
- Umbhali.
- Umxholo.
- Ifumaneka phi?/Ithengwa phi?

**[10]**

**OKANYE**

IEB Copyright © 2019

**UMBUZO 13 Idayari**

Uzibona uphi usenza ntoni emva kokugqiba kwakho ibanga leshumi elinambini (Ibanga 12)? **Bhala** idayari usichazele ngeyona nto iphambili onqwenela ukuyenza emva kokuba ugqibe ukubhala iimviwo zebanga leshumi elinambini.

Landela ezi ngongoma:
- Yeyiphi eyona nto iphambili ofuna ukuyenza?
- Uza kufikelela njani kuyo?/Uza kufika njani kuyo?
- Uza kuthatha ixesha elingakanani ukufikelela kuloo nto uyifunayo?

**[10]**

**OKANYE**

**UMBUZO 14 I-posikhadi**

| **Iya ku:** | **Isitampu** |
|---|---|
| | |
| | |
| | **Idilesi** |
| | |
| | |
| **Ivela ku:** | |

**Thumelela** utata okanye umama wakho iposikhadi umazise ngeziphumo zezifundo zakho zekota yesibini.

Landela le miyalelo:
- Uziva njani ngezi ziphumo?
- Ziza kuvula awaphi amathumba/Ziza kukunceda njani?

**[10]**

**40 amanqaku**

**Amanqaku ewonke: 100**

IEB Copyright © 2019